FMHS iKhampasi yaseTygerberg Campus

IMigaqo neMigqaliselo Unyulo Lwe-TSR Luka-2021

IMigaqo neMigqaliselo

Nceda uqaphele le migaqo nemigqaliselo ilandelayo isebenzayo kunyulo lweBhunga laBameli baBafundi laseTygerberg luka-2021. Olu xwebhu lusekelwe kuMthetho woNyulo (wango-1998 nesiphakamiso sika-2021) noMgaqo-siseko waBafundi baseTygerberg (2015).

1. IiNqobo neMimiselo

Ezi nqobo nemimiselo elandelayo iyaphakanyiswa ngelixa lonyulo lwezakheko zobunkokheli babafundi, kuquka nonyulo lwe-TSR, ukuqinisekisa inkqubo yonyulo –

(a) Evumela ufikelelo olukangangoko kwingcaciso ephathelene nabagqatswa nenkqubo yonyulo;
(b) Evumela intatho-nxaxheba ekangangoko nokuzibandakanya kwequmrhu labafundi laseTygerberg;
(c) Engentando yesininzi, engacalucaluliyo, nengoquko;
(d) Ekhululekileyo nenobulungisa;
(e) Efanelekileyo nengenazimfihlo;
(f) Ephakamisa oko kuluncedo kwisakheko kunye/okanye nekhampasi;
(g) Evuselela ingxoxo-mpikiswano esemgangathweni nokufakana imilomo kunye nabagqatswa.

2. Amalungelo

Bonke abafundi banelungelo –

(a) Lokuvotela abagqatswa ngokuzimeleyo kwaye ngokuyimfihlo;
(b) Lokuqhuba amaphulo onyulo ngokusemthethweni;
(c) Lokuhambisa iimathiriyeli zonyulo nezamaphulo onyulo eziyilwe zaza zagunyaziswa ngabasemagunyeni onyulo abafanelekileyo;
(d) Lokusebenzisa ulwimi abaluthandayo ngokukhululekileyo;
(e) Lokuthetha ngokukhululekileyo;
(f) Lokubamba iintlanganiso zoluntu ngokuhambelana nemigqaliselo ye-Covid ekhoyo ngoku;
(g) Lokuxhoma iipowusta eziyilwe nekubonelelwa ngazo ngabasemagunyeni onyulo abafanelekileyo;
(h) Lokugaya inkxaso esuka kubavoti; kunye
(i) Nelokusebenzisa amaqonga ezonxibelelwano ukupapasha amaphulo abo.

IMigaqo neMigqaliselo

Unyulo Lwe-TSR Luka-2021

3. Izenzo zonyhasho

Wonke umntu obotshelelwa nguMthetho woNyulo kufuneka, ngelixa lesithuba sonyulo –

(a) Athobele nayiphi na imiyalelo esuka kwiKomiti yoNyulo aze amilisele naziphi na izigqibo ezinobulungisa zeKomiti yoNyulo;

(b) Aluphephe ulwimi okanye naluphi na uhlobo lwezenzo olunokuthi lukhokelele kubundlobongela okanye kugrogriso;

(c) Azikhwebule kwizenzo okanye imisebenzi ecalu-calula ngokungenabulungisa okanye ekunjongo yayo ikukuhlaza umntu ngokujoliswe kwibala, isini, isini akhetha ukuthandana naso, uhlanga, umgangatho ngokwentlalo, okanye inkolo ngokuphathelene nonyulo;

(d) Angenzi kwanto inokuthi inyhashe ilungelo lakhe nabani na lokuba afumane ufikelelo oluvakalayo kubavoti ukulungiselela ukugaya inkxaso;

(e) Azikhwebule ekususeni okanye ekonakaliseni okanye ekutshabalaliseni ngokungekho mthethweni imathiriyeli yokuvota okanye imathiriyeli yonyulo nangayiphi na indlela;

(f) Azikhwebule ekususeni, ekonakaliseni, okanye ekutshabalaliseni nayiphi na imathiriyeli yephulo lakhe nawuphi na umgqatswa;

(g) Angasebenzisi mali kulo naluphi na upapasho;

(h) Nanjengoko umgqatswa engenako ukusebenzisa imali eyeyakhe, oku kuquka amakhasi axhaswa ngemali kuFacebook, ku-Instagram, kuuTwitter, nayiphi na inkxaso-mali ayinako ukusetyenziswa;

(i) Azikhwebule kuzo naziphi na iinzame zokusebenzisa gwenxa amandla okanye ukusebenzisa amalungelo okanye ifuthe okanye ukusebenzisa naluphi na unyanzeliso olunjongo yalo ikukuphembelela umntu ukuba avotele nawuphi na umgqatswa;

(j) Azikhwebule ekubhengezeni okunganyanisekanga ngesiqu sakhe kuyo nayiphi na imathiriyeli yonyulo;

(k) Azikhwebule ekwenzeni, ekupapasheni, okanye ekuphindeni nayiphi na into ecalula ngokwesini, ecalula ngokwesini akhetha ukuthandana naso umntu lowo, ebubuxoki, engcolisa igama lomntu lowo, okanye naziphi na izityholo ezizezinye ezilolo hlobo nezinokuthi zinyhashe amalungelo omntu lowo ngokujoliswe kunyulo;

(l) Azikhwebule ekunikezeleni ngalo naluphi na uhlobo lwenkuthazo okanye imbuyekezo kuye nawuphi na umntu ngenjongo yokuba umntu lowo avote okanye angavoti kolo nyulo;

(m) Azikhwebule ekuvoteni ngendlela ayaziyo ukuba akafanelanga kuvota ngayo; kwaye

(n) Azikhwebule ekwenzeni nantoni na enyhasha ubungasese babafundi okanye ilungelo lokuvota ngokuyimfihlo.

IMigaqo neMigqaliselo

Unyulo Lwe-TSR Luka-2021

4. Iimbopheleleko zabagqatswa

Nangona umgqatswa enelungelo lokuxhoma iipowusta zakhe, njengoko kuvunyelwa yiKomiti yoNyulo, naphi na apho afuna ukuzixhoma khona, kuluxanduva lomgqatswa ukuqinisekisa ukuba iipowusta zakhe azinyhashi nayiphi na imigaqo yendawo leyo azixhoma kuyo. Ukunyhashwa kwalo mgaqo kuza kukhokelela ekuthathweni kwamanyathelo oluleko.

5. Amaqonga onxibelelwano

5.1 Iipowusta

(a) IKomishoni yoNyulo okanye abasemagunyeni onyulo abafanelekileyo ngabo abanoxanduva lokufotwa, ukuyilwa, nokuhanjiswa kwazo zonke iipowusta zopapasho.

5.2 Amaqonga onxibelelwano

Usetyenziso kangangoko lwamaqonga onxibelelwano anjengoFacebook, u-Instagram, noTwitter kuyakhuthazwa.

Nceda uqaphele ukuba kusafuneka kubekho uthotyelo olungqongqo lwale migaqo ingentla kwaye iza kunyanzeliswa ngesandla esiqinileyo.

5.3 Imigaqo eyongezelelweyo

(a) Ngamaqonga onxibelelwano kuphela anokusetyenziswa ukulungiselela upapasho olongezelelweyo. Oku kuthetha ukuba akukho mgqatswa uvumelekileyo ukuba asebenzise unxibelelwano ngobuninzi (i-SMS, i-imeyili, okanye nayiphi na indlela eyelelene nezo) ukulungiselela imibandela yopapasho.

(b) Umgqatswa uvumelekile ukuba anxibelelane neqela labahlobo elivalekileyo nge-elektroniki okanye ngenye indlela kodwa kufuneka ke ngoko aquke intetho ekuthintela ngokucacileyo ukuthunyelwa kwakhona komyalezo njengonxibelelwano ngobuninzi.

(c) Umgqatswa angafaka iifoto zakhe egaya inkxaso kwiqonga lakhe lonxibelelwano elilungiselelwe iphulo lakhe. Oku kuquka iividiyo zomgqatswa ekhankasa.

6. Unyanzeliso

Nakuphi na ukunyhashwa kwale migaqo kuza kubangela ukuba lowo ukwenzileyo aphandwe yiKomishoni yoNyulo kwaye ukuba uthe wafunyaniswa enetyala, uza kukhutshwa kugqatso.

Umgqatswa uza kubekwa ityala ngalo naluphi na unxibelelwano ngobuninzi olunyhasha lo mthetho ukuba oko kuthe kwenzeka ngenjongo yokuxhasa yena okanye yokumnceda ngephulo lakhe ngaphandle kokuba unako ukubonakalisa ukuba akakhange abe nanto yokwenza nolo nyhasho.

IMigaqo neMigqaliselo Unyulo Lwe-TSR Luka-2021

7. Inkxaso yezimali ngakuBagqatswa:

(a) Isixa sezimali abagqatswa abanokusichitha kumaphulo abo yi-R0.00 kunyulo luka-2021/2022.

(b) Ngenxa yohlobo lonyulo lwalo nyaka olunge-intanethi neemfuno ezithile zedatha, umgqatswa angafaka isicelo sokuncediswa ngokwezimali kuBalawuli boNyulo baseTygerberg ukuba ufanelekile ukuba afumane uncedo olunjalo ngokuhambelana nendlela yovavanyo yeCandelo leeBhasari neeMali-mboleko.

(c) Kuza kuthethwana neCandelo leeBhasari neeMali-mboleko ngaphambi kokuba kunikezelwe ngalo naluphi na uncedo ngezimali kubafaki-zicelo.

(d) Kunyulo luka-2021/2022 uncedo ngezimali kuza kubonelelwa ngalo kuphela ngendlela yedatha. Eyona njongo yaloo datha kukufaka iimanifesto zabagqatswa kumaqonga onxibelelwano aphunyeziweyo kwakunye nokuzinyaswa kwamagqugula nezinye iintlanganiso.

(e) Ixabiso loncedo ngezimali ekuza kunikezelwa ngalo kumgqatswa ozimeleyo ngamnye othe wafaka isicelo ngempumelelo sokuba afumane idatha liza kumiselwa kwi-R200 umgqatswa ngamnye.

8. Iimfuno zezemfundo zokuba ngumgqatswa kunyulo lweBhunga laBameli baBafundi laseTygerberg

(a) Iimfuno zezemfundo zokuba ngumgqatswa kunyulo lweBhunga laBamele aBafundi laseTygerberg zikholo ukuthintela iimeko apho ilungu leBhunga laBamele aBafundi laseTygerberg lirhoxa ngelixa lesithuba salo sokuba se-ofisini ngenxa yezizathu zezemfundo nokuze akhusele indlela aqhuba ngayo ezifundweni

(b) Ukuze abe ufanelekile ngokujoliswe kwezemfundo umgqatswa kufuneka ngonyaka wonyulo lwe-TRS athobele ezi mfuno ubuncinane;

(i) kwimodyuli yesimesta nganye afumane u-50% ubuncinane; kwaye

(ii) kwimodyuli yonyaka nganye afumane u-55% ubuncinane kumanqaku aseklasini

(c) Ukuba umgqatswa usemngciphekweni wokuba angangazifanelekeli iimfuno zokungena kwakhona eYunivesithi, akayi kubufumana ubugqatswa kunyulo lweBhunga laBamele aBafundi laseTygerberg.

(d) Irekhodi lezifundo lomgqatswa kungafikelelwa kulo ukuze kumiselwe ukuba iimfuno eziphantsi kuka-sub item (b) no-(c) ziyafumaneka kusini na.

IMigaqo neMigqaliselo

Unyulo Lwe-TSR Luka-2021

9. Ukungafaneleki ngokwezemfundo

(a) Abagqatswa abangazithobeliyo ezi mfuno zikhankanyiweyo ku-item 13 woMgaqo-siseko waBafundi baseTygerberg kwaye njengoko kuchaziwe apha ngentla abafanelekanga ukuba bangene kunyulo lweBhunga laBamele aBafundi laseTygerberg.

(b) UM(aBa)lawuli w(b)oNyulo w(b)aseTygerberg kufuneka (b)afumane irekhodi lezifundo labafundi kwi-ofisi yoMbhalisi , (b)aze (b)angenise naziphi na iimeko apho umgqatswa engabonakali ezithobela izibonelelo zegatya 13 kwikomiti echaziweyo ku-gatya elingaphantsi (c).

(c) Isigqibo sokukhaba ubugqatswa bomgqatswa ngokujoliswe kwezemfundo kufuneka sithathwe yikomiti equlathe:

(i) iNtloko yezeMicimbi yaBafundi;

(ii) uSihlalo ophumayo weBhunga laBamele aBafundi baseTygerberg;

(iii) (omnye [1]) waBalawuli boNyulo baseTygerberg;

(iv) uMphathi wefakhalthi yomgqatswa lowo okanye isekela lakhe; kunye

(v) nelungu elongezelelweyo elinye (1) leKomiti yoNyulo yaseTygeberg, ngokuthunywa kwalo yiKomiti yoNyulo yaseTygerberg.

10. Ezinye izizathu zokungafaneleki kwabagqatswa

Ngaphandle kothotyelo lwezi zinto zidweliswe apha ngentla uM(aBa)lawuli w(b)oNyulo w(b)aseTygerberg kufuneka kananjalo a(ba)kukhabe ukutyunjwa komgqatswa ukuba loo mgqatswa akanazo iisimesta ezimbini (2) ubuncinane engumfundi.

11. Ividiyo yentshayelelo

Bonke abagqatswa kufuneka balungise ividiyo kuquka nokuba iimanifesto zabo nokuphendulwa kwemibuzo kufunyanwe yiKomiti yoNyulo. Nceda uthobele ze ulandele zonke izikhokelo ezisuka kwiKomiti yoNyulo.

12. Izikhalazo

Xa kuthe kwenzeka ukuba nawuphi na umgqatswa afune ukufaka isikhalazo malunga nephulo lokugaya ivoti lomgqatswa othile, ukuqhutywa konyulo okanye ukunyaniseka konyulo, nceda ujonge kwiShedyuli 1, iNxalenye S4 ethi “iZiphumo neZikhalazo (Results and Complaints)” kuMgaqo-siseko waBafundi baseTygerberg.